Isalathiso: 20211118-7990
Inombolo yefayili: 5/1/P
Imibuzo: PJ Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo: 0004/2021

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli-Jikelele, nakuMagosa azii-*SCM Officials* nee-*SCM Champions*

ISihloko: Ithemplethi i-*business case template* ehlaziyiweyo yee-ayithem *(items)* ezidweliswe kwisicwangciso i-*Annual Procurement Plan)*

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa amagosa ngethemplethi i- *business case template* ehlaziyiweyo emayizaliswe ukulungiselela zonke ii-ayithem ezingaphezu kwe-R100 000 nezidweliswe kwisicwangciso i-*Annual Procurement Plan* ngokwe-*demand management system* nesicwangciso sokuthengwa kweempahla neenkonzo.

2. Apha kuqhotyoshelwe uxwebhu oluyithemplethi eyi-*business case template* oluhlaziyiweyo nomaluzaliswe ngabaphathi abajongene nestokhwe (*responsibility managers*) abathi qho ngonyaka baqaphele ii-ayithem emazithengwe ngurhulumente.

3. Uxwebhu i-*business case template* luhlaziyiwe ngokusekelwe kumaxabiso azii-*threshold values* ngokumalunga ne-*National Treasury Supply Chain Management (SCM) Instruction No. 02 of 2021/22,* yomhla we-08 Juni 2021.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lifuna ukuqaphela iimpahla neenkonzo eziyimfuneko ukufikelela kwiziphumo ezicetywayo kwisiCwangciso i-*Strategic Plan* seSebe iWCED. Lo ngumsebenzi omawenziwe ngumsebenzisi oyi-*end user* (umphathi weprogram/umphathi ojongene nestokhwe) ngokudibene neprakhtishina eyi-*supply chain practitioner,* ngoncedo lwengcali *eyi-technical strategic sourcing specialist/analyst* njengoko naxa kuyimfuneko. Injongo kukuqinisekisa ukuba kufikelelwe kwixabiso lemali. Iimfuno zangoku nezexesha elizayo mazimiselwe ngokusekelwe kwi-*WCED's Strategic Plan* yaye mazibandakanywe kwi-*Annual Procurement Plan* evunyiweyo.

5. Ezi mfuno zimelwe ukubhalwa phantsi ngabaphathi abajongene nestokhwe zikwimo yoxwebhu oluyi-*business case* xa bengenisa kwi-*Supply Chain Unit* iirikhwizishini zabo zazo zonke ii-ayithem ezidweliswe kwisiCwangciso i-*Annual Procurement Plan* esivunyiweyo. Uxwebhui-*business case* kufuneka luqulunqwe ngumphathi ojongene nestokhwe yaye, malungeniswe kwiNtloko yeCandelo eliKhulu/kuSekela Mlawuli-Jikelele okanye kwigosa elimele ukuphendula ngokusetyenziswa kwemali ukulungisela ukuvunywa kwalo.

6. Ngokwe-*Accounting Officer's System* evunywe liSebe iWCED, uxwebhu i-*business case* malubandakanye oku kulandelayo:

   a) High level statement of needs
   b) Links between the needs and the programme's strategic outcomes
   c) Comprehensive understanding of the market and operating environment
   d) Indication of whole-of-life costs
   e) Costs/benefits/risks analysis.

7. Uxwebhu i-*business case template* malusetyenziswe kuzo ZONKE iimeko apho kusetyenziswa inkqubo yokukhuphisana ngamaxabiso eqingqiweyo *(limited bidding*) njengendlela yokuthenga iimpahla neenkonzo. Ngaphezu koko iimvumelwano ii-*provincial transversal contracts* mazixhaswe yi-*business case* evunyiweyo yaye mazilandele indlela eyi-*strategic sourcing methodology* emayilawulwe ziimfuno ezimiselweyo zolawulo lwabathengi nabathengisi (*supply chain management)*.

8. Onke amagosa eSebe iWCED makathobele imiqathango yale ngcaciso imfutshane, iMimiselo neMiyalelo kaNondyebo kaZawelonke (*National Treasury Regulations and Instructions)*, iMiyalelo ii-*Western Cape Provincial Treasury Instructions*, ii-*Accounting Officer's System* nee-*SCM Delegations* ngokumalunga neenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente ukunqanda ukungathotyelwa kwemigaqo.

9. Le ngcaciso imfutshane mayiphunyezwe ngokukhawuleza.

10. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa eSebe iWCED achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-12-14